Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

PO Box 20
Hermanus 7200

| | Telephone | Fax |
|---|---|---|
| Hermanus | 028 313 8000 | 028 313 1894 |
| Gansbaai | 028 384 8300 | 028 384 0241 |
| Kleinmond | 028 271 8400 | 028 271 4100 |
| Stanford | 028 341 8500 | 028 341 0445 |

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Epreli 2009

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni

# UBUSUKU BOKUHLONITSHWA KWAMAQHAWE

## ABANTU ABALISHUMI ELINESINE BAWONGWE

## NGEEMBASA NGENXA YEGALELO ELIKHETHEKILEYO ABALENZE KUMACANDELO EMISEBENZI YABO



Abasefotweni ngu: Verrell Herbert, Deputy Mayor, Esje du Toit, Theo de Wet, David Beatty, Marianné Beyleveldt, Nothabile Alam, Theo Beyleveldt, Mayor, Tim Hamilton-Russell, Gio Aplon, Henri Kuiper, Theo de Meyer kunye Danie Rautenbach.



Die Vyf Menere



Hermanus Peace Brothers



Marga van Rooy

Abantu abaneyona talente iphucukileyo kwimicimbi yobugcisa nenkcubeko esizweni bafumaneka kummandla akuwo uMasipala waseOverstrand okanye banamaqhina entsebenziswano nalo mmandla. Le yimeko enqwenelwa kakhulu ngabanye ooMasipala. Ngenxa yamaqhina entsebenziswano abanayo nalo mmandla iOverstrand iyahlonitshwa.

Ngenxa yesi sizathu, uTheo Beyleveldt onguCeba noSodolophu wesiGqeba wenza umsitho obizwa ngokuba yiNight of Excellence kwiHolo loLuntu eHermanus ngomhla wama-31 Matshi 2009…isiqalo ekubonalaka ukuba siza kuba sesinye sezithethe zikamasipala.

Lishumi elinesine abantu abathi bawongwa ngamabhaso kuhlonitshwa igalelo labo kwicandelo leenkonzo zoluntu, kwezobugcisa nenkcubeko, kwezemidlalo nolonwabo kunye/okanye kurhwebo noshishino.

Aba bantu balandelayo bakhankanywa njengemizekelo eqaqambileyo kwicandelo leenkonzo zoluntu:

- UDavid Beattie, indoda ethe ngombono wayo nobuchule bokudala intsebenziswano phakathi kwamaqela yaguqula iindlela eziphumela phakathi kwamawa nemiwewe kwiintaba zaseHermanus ibhongo neqhayiya ledolophu nakubo bonke abahlala apha ngeli xesha iQela laBaphathi.
- UTim Hamilton-Russell, ingcali ethe yasungula umzimveliso wewayini eOverstrand ngokusebenzisa ubugcisa nokuzingisa. Ngaphezulu koko, wenze igalelo elibalulekileyo ukugcineni amagugu emvelo yaseHermanus;
- UHenri Kuipers, umseki we-Enlighten Education Trust othe ngokunqaba kweenzame zophuhliso kwicandelo lezemfundo wasebenza ngokuzinikela ukufezekisa iphupha lokuzisela abahlali kulo mmandla ukhanyo kwintlalo abayiphilayo;
- UTheo de Wet, omnye wabaxhasi abakhulu beEnlighten Education Trust kunye nomphathi weBhunga loLutsha othi akhangele isakhono sobunkokheli kulutsha olusakhulayo phakathi kommandla wethu, aluxhobise ngamava kumsebenzi obalinde ngaphambili ngeli xesha benza iinkqubo zabo phantsi kwesijekulo esithi “sikhokela sifunda”;
- UNothobile Alam, umququzeleli weemfuno zoluntu kunye negqala leRainbow Trust osebenza ngenyameko nokuzinikela ukuqinisekisa ukuba abantu abaphila neHIV/Aids eZwelihle bafumana unakekelo mihla yonke;
- UTheo de Meyer, 'uMsamariya olungileyo' othe ngenxa yokuba nemfesane ngokudalwa nangomsebenzi awenza phakathi koluntu oluhluphekayo waba nguBawo ongunozala phakathi kwabahlali;
- U-Estelle le Roux, wenze ukuba iKleinmond Animal Welfare Society iphumelele emagqabini kwiinkqubo zayo ngenxa yokuthanda kwakhe umsebenzi wokukhusela izilwanyana, oku akubhekisi kumaziko akumgangatho ophezulu nje kuphela kuquka nokuza nokhanyo kwezemfundo kuluntu oluhluphekayo nokufundisa abantu ngokuphathwa kwezilwanyana;
- UTommy Gelderblom, njengoko eyinkokheli yoluntu eHawston usoloko ethambele ukunika uncedo kwabaludingayo kwaye njengosihlalo weOverstrand Care Centre uye waqinisekisa ukuba umbutho akuwo uphantsi kolawulo olukumgangatho ophezulu;
- UMichael Lutzeyer, inkokheli kwicandelo lophuhliso loluntu kunye necandelo lezokhenketho. Usebenze ngokuzimisela egayela uphuhliso lwe-ABSA Gansbaai Sports Centre ngenkxaso yamazwe anga-phandle noncedo lwezimali.

Kwicandelo lezemidlalo nolonwabo, aba balandelayo baye bawongwa ngemisebenzi yabo:

- UKapteni uDanie Rautenbach, owaseka iGansbaai Wrestling Club, ukususela ngo-1998 waqeqesha amalungu ambini kwiqela lolutsha afumana imibala yeSpringbok, iitshatsheli zoMzantsi Afrika ezingama-20 kunye nama-65 eentshatsheli zephondo, waqeqesha amaqela kazwelonke ukuze athabathe inxaxheba kwimidlalo yaseTurkey (ngo-2006 nango2008), yaseScotland nakwiCommonwealth Games;
- UGio Aplon, inzalelwane yaseHawston apho abahlali baphila ngokuloba, nangona iinzame zakhe eziliqela zathi zaphanza, wancekelela ekuphuhliseni italente yakhe kwezombhoxo yafikelela kwinqanaba lokuba onyulwe njengomdlali kwiqela leSpringbok Sevens, kwiqela lombhoxo iStormers nakwiqela leWP kwaye ukhe wawongwa ngebhaso iPlayer of the Sevens Series eFrance nangokulala emgceni kumdlalo weCurrie Cup ngohlobo oluncomeka ngokukodwa;
- UFanie van der Merwe, owathi wawongwa ngeemedali ezimbini zegolide kwimidlalo yee-olimpiki zabakhubazekileyo eBeijing. Wabelekwa ngunina efe imithambo-luvo yobuchopho wathi ngenyameko anayo nokukhuthala waphuma emagqabini; ngumntu othobekileyo, ngummeli-sizwe saseMzantsi Afrika ophaphileyo;
- UNaomi Muller, inkweli ephambili eMzantsi Afrika kumdyarho wamahashe abaleka umgama omde, ngummi waseMzantsi Afrika obambe indawo ephezulu kuluhlu lweenkweli zomdayarho wamahashe kumanyano lwamazwe emhlabeni jikelele,

Igalelo lakhe kwicandelo lamasiko nenkcubeko:

- U-Esje du Toit, umbhali wezehlo kwimbali yaseOverberg - ubalula leyo yabantu abasuka eHermanus naseStanford - ukukhuthala emsebenzini wakhe phantsi kwamanzithi-nzithi obomi ngumzekelo oya kuba nzima ukuwulandela.

# UCHULUMANCO NGOKHUPHISWANO LOKUBALEKA

Ngethuba lolu khuphiswano ngoMvulo umhla we-13 Epreli 2009 iimbaleki ziza kujikeleza ama-52 km ngeendlela ezine: 2,5km zidada, 5,5km zibaleka, 23km zikhwele iibhayisekile ukuze ama- 21km zibheqe amaphenyane. Ibhaso elinokuwinwa ngama-R10 000, elisisipho esivela kwiWhalecoast Marketing. Abathathi-nxaxheba bangabhalisa nje beziziqu okanye bengamaqela ezemidlalo okanye bemele imibutho edibeneyo. Olu khuphiswano luququzelelwa yi-Nasionale See-en-Sand-instituut eyaqala ngowe-1977 eyaziwa ngoku njengokhu-phiswano lwezikhephe zerabha i-Trans-Agulhas. Ukususela ngowe-1971 eli ziko liqeqesha abahlanguli baselwandle kwaye ngomnye wemibutho emidala eHermanus. Kungabuzwa ku-MC Botha e-See-en-Sand, ifoni 028 314-0252 / 083 273 8238, okanye i-imeyile mc@hermanus.cc




## NIKA INGXELO NGOBUQHETSEBA APHA

Njengenxalenye yesicwangciso sokulwa nobuqhetseba uMasipala weOverstrand ukhuthaza bonke abantu abaphantsi kwakhe ukuba mabasebenzise umnxeba kazwelonke wokunika ingxelo ngobuqhetseba. Abantu bangasebenzisa le nombolo 0800 701 701.

Nangona ngeenjongo zophando kulindeleke ukuba lowo unika ingxelo alinike igama lakhe, loo mntu usenokucela ukuba igama lakhe lingaziswa.

Akukho ngxaki nokuba umntu angavele anike ingxelo ngqo kuSodolophu oLawulayo, kuMphathi kamasipala.

## UKUHLAZIYWA KWEZIMILO: IPHULO 1

# IXABISO LOKUTHEMBEKA

UMasipala waseOverstrand uyalixhasa iPhulo lokuHlaziywa kweZimilo kwiinzame zokumilisela iindlela ezi-6 zokuzixabisa phakathi koluntu. Ngokubambisana nebhunga lenqila, abanye abaxhasi abanegalelo elikhulu njengezikolo, iicawa kunye nabaqashi babonise inkxaso yabo kweli phulo okanye iinjongo zokungenelela kweli phulo.

Uhlobo lokuqala oluphakanyiswayo kule nyanga malunga nokuziphatha ngendlela KUKUTHEMBEKA. Kwiinyanga ezilandelayo, ibhuletini iza kujolisa nakwamahlanu amahlobo asaseleyo: Imbeko, Uxanduva, Ubulungisa, Unakekelo nobuZwe.

Sonke silangazelela ukuphila phantsi kwesimo apho sinokufumana kulula ukuthemba izinto nabantu. Sifuna ukuqhuba iimoto ezingazi kusiphoxa; sifuna iinkonzo zombane namanzi ahanjiswa ngendlela ezinzileyo, sifuna iinkonzo zihanjiswe ngendlela esinokuyithemba.

Iindlela esilangazelela ngazo ukuthembeka ziliqela, kodwa sifuna ezo zinefuthe lentembeko kubomi esibuphilayo: kwiintsapho zethu, kubahlobo bethu, kwinkokheli kwezopolitiko, kubudlelane kwezoshishino, ukukhankanya nje ezimbalwa.

Ngelishwa siphila kwintlalo eyaziwa ngezenzo zokuswela intembeko. Sonke sinako ukukhankanya imizekelo emininzi yesi simanga. Umbuzo oye ufike ngokukhawuleza ngowokuba: Ingaba ukho umkhuba wokungathembani kule ndawo sihlala kuyo, okanye awukho?

Ingaba yintoni esinokuyenza ukukhuthaza UKUTHEMBEKA njengophawu oluncomekayo kwiindawo esihlala kuzo? Impendulo ilula: Khumbula, ukuthembeka asiyongqiqo nje esemoyeni. Izibonakalisa ngendlela ocinga nophatha ngayo abanye abantu. Ngoko ke, ukuthembeka kuqala ngawe: wena mntu.

Ngokufutshane, ukuthembeka kuzibonakalisa kwizinto ezenziwa ngumntu. Kuquka ukugcina isidima; ngamanye amazwi, kungcono ukuhlonipha umthetho okukhwebula kokungendawo kunokuba nguzungul'ichele. Ngokufanayo uya kuzazi ukuba mawudibane nabani xa usenza izigqibo ezingabopheleliyo, ukuze noko kunjalo kubekho intembeko yokuba izigqibo ziza kufezekiswa. Intembeko kakade, ifuna ukuba unyaniseke kwabo babeka ithemba labo kuwe, nokuba oku kuthetha ukuba kufuneka uncame okuthile. Ngaphezulu, intembeko ingalinganiswa nokuchasa ubuxoki nokungathengisi ngenyaniso, into ethetha ukuba ubutshijolo, ubuqhopholoIo kunye/okanye inkohlakalo zizinto ezingafunekiyo, maxesha onke.

Masenze intlaba-mkhosi senze intembeko uphawo olulodwa kwindawo esihlala kuyo: eluntwini, kwiimeko zoshishino nakuwo onke amaziko orhwebo. Eyona ndawo ilungele ukuba ungaqala kuyo, sisiqu sakho kunye nosapho lwakho. Ukuba nje singanako ukuthembeka komnye nomnye sihloniphe izigqibo esizenzayo emakhaya, singaba senze isiseko sentembeko kwimeko yoluntu ngokubanzi.

Ukuze ufumane olunye ulwazi qhagamshelana noErnst Kretschmer kule nombolo 082 412 4538 okanye noRonél Mostert kule nombolo 082 470 3975. Iminikelo eyimali yamkelekile kwaye ingahlawulwa kwi-akhawunti yeHermanus Transformation Association kwisebe lakwaNedbank eHermanus. Inombolo ye-akhawunti yile 1345027931.

## IZIBHENO KWISIVUMELWANO NGEPROJEKTHI YENDLELA I- SSB ZIKHATYIWE

Kwintlanganiso yeBhunga kaFebruwari uSodolophu oLawulayo uTheo Beyleveldt uvakalise ukuba izibheno kwiSigqibo seSebe leMicimbi yoKusingqongileyo neZicwangciso zolwakhiwo malunga negalelo lokusingqongileyo kweprojekthi i-SSB yeendlela eHermanus zaliwe nguMphathiswa wooMasipala weNtshona Koloni umnu. Pierre Uys.

Oku kuthetha ukuba imbudumbudu malunga nolwakhiwo kwiNdawo yaseSitishini isonjululwe kwaye uthe makukhawuleziswe kuqaliswe kule projekthi eza kuza nengeniso kwezoqoqosho ivuselele umbindi wezoshishino eHermanus.

Ngokukamnu. Stephen Muller, uMlawuli weZibonelelo noCwangciso ngo-Epreli 2009 kuza kumenywa iziniki-maxabiso. Ukuba yonke into ihambe kakuhle phakathi kuJuni kuza kuqaliswa ngomsebenzi ezindleleni.

Le projekthi iquka ukuhlaziywa kwendlela egqithayo ukusuka apho zidibana khona iindlela iMain Road nesitrato iSpence de iye kufika kwakhona eMain Road kufuphi nehotele iMarine. Kuza kufakelwa isekile ezintathu zokulawula izithuthi. Zizonke iindleko zokuphucula le ndlela zizigidi ezingama-R28.

Le projekthi iza kuqhutywa ngezigaba ngezigaba. Umnu Muller uthe ingcaciso malunga nokuvalwa kweendlela neendlela ezizezinye iza kwaziswa ngelinye ixesha emva kokuba kuthethathethenwe nalowo uphumeleleyo kwiziniki-maxabiso.

Kananjalo umnu. Muller wazise ukuba ukuphuculwa kweMarkplein kuza kuqaliswa ngoMeyi. Esi iza kuba sisigaba sesithathu sokutitinishwa kwe-Waterfront yaseHermanus okwandulelwa ziprojekthi i-Kransplein ne-Gearingspunt. Nangona inkqubo yeziniki-maxabiso ingekagqityiwa nje kuqikelelwa ukuba le projekthi iza kudla phakathi kwezigidi ezi-R5 nezi-R6. Inxalenye yale projekthi kukuphucula indawo yabashishini, kubonelelwe ngezindlu zangasese zikawonke-wonke kwakhiwe nendawo yengcaciso yezokhenketho.

## ISAZISO SOKUFAKA AMAGAMA ABAGQATSWA KUKHUPHISWANO LWEKAPU KASODOLOPHU KULONDOLOZO LOKUSINGQONGILEYO

Sekuphinde yalelo xesha lokuba iOverstrand Bewaringsforum (OBF) ngembekokazi enkulu icele amagama atyunjelwa indebe kaSodolophu yoLondolozondalo kwiOverstrand ebaluleke kakhulu. Ophumeleleyo uya kwaziswa ngoLwesine umhla we-11 Juni 2009 kumsitho wonikezelo-mabhaso.

Ophumeleleyo uza kufumana ibhaso lama-R5000 eliza kunikezelwa kumbutho wolondolozo-ndalo awumeleyo. Kuza kuba kho nebhaso lentuthuzelo lama-R2000 eliza kunikwa lowo utyunjiweyo obonakele efanele ukuba afumane ibhaso.

Izindululo zabo batyunjwayo mazincede zifike kwii-ofisi ze-Overstrand Bewaringsforum ngoLwesine umhla wama-30 Epreli 2009 kungabi semva kolu suku.

Izindululo zingangeniswa ngayo nayiphi na indlela kwezi zilandelayo:

- ngesandla singeniswe kuMegan kwi-ofisi ye-OBF, Bosko Christian School, Fairways-laan, Hermanus;

i

***Verkies u dié nuusbrief in 'n ander amptelike taal?*** *SMS u rekeningnommer met A vir Afrikaans na* ***082 338 1631***

***Do you prefer this newsletter in another official language?*** *SMS your account number with E for English to* ***082 338 1631***